

Imiba ebalulekileyo ekufuneka uyazi ngeSifo seNyebethu

- ★ Isifo senyebethu (Foot-and-mouth disease) (FMD), sisifo semfuyo esilawulwa ngokomThetho weZifo zeMfuyo, 1984 (umThetho oyiNombolo yama-35 ka- 1984).
- ★ I-FMD ibangwa yintsholongwane, leyo ichaphazela kuphela imfuyo eneempuphu umzkl. iinkomo, iigusha, iibhokhwe neehagu kunye nezilwanyana ezineempuphu zasendle ezifana neenyathi neenyamakazi ezithile. Abantu abayifumani i-FMD.
- ★ I-FMD ibanga umkhuhlane, oye ulandelwe ngamadyunguza ingakumbi emlonyeni nasemanqineni. Ngoko ke, inokuyeka ukutya imfuyo ize ibe mbuna.
- ★ Sinwenwa ngokukhawuleza ukuba ngaba asilawulwa kwaye sinokosulela ngokudibana nemfuyo eyosulelekileyo okanye imveliso yayo ngokunjalo nangabantu okanye izixhobo, kuquka izithuthi, izixhobo, iiglavu, impahla kunye neentambo ebezidibene nemfuyo eyosulelwe yi-FMD.
- ★ Sisifo somhlambi. Ngoko ke, xa kosuleleke isilwanyana esinye kumhlambi; umhlambi wonke uthathwa ngokuba wosulelekile.
- ★ I-FMD ineempembelelo ezimandundu ezimbi kuqoqosho lwelizwe kuba ichaphazela urhwebo lwehlabathi nolwasekhaya kwimfuyo, imveliso yemfuyo kunye nemveliso enxulumene njengokutya neendebe.
- ★ Imimandla ethile yaseMzantsi Afrika ilawulwe njengemimandla elawulwa i-FMD — ummandla lowo amanyathelo olawulo afana nogonyo nolawulo lokuhanjiswa aphunyeziweyo. Nceda uqhagamshelane nogqirha wemfuyo karhulumente wengingqi yakho, iGcisa leNgcali yeMfuyo kunye neGosa eliCebisa abaFuyi ukufumanisa ukuba imfuyo yakho ikummandla elawulwa kuwo na i-FMD kunye nokuba ngawaphi na amanyathelo olawulo ekufuneka ubambebele kuwo.
- ★ Bonke abanini, abaphathi kunye nabantu abasebenza ngemfuyo eneempuphu kufuneka balumke kwaye basebenzise izenzo zokhuselo lwendalo ukugcina imihlambi yabo ikhuselekile.
- ★ Xa ucinga ukuba imfuyo yakho inokuba ine-FMD, nceda wazise iGcisa leMpilo yeMfuyo, iGosa eliCebisa abaFuyi okanye uGqirha weMfuyo kaRhulumente ngokukhawuleza. Ungasusi nayiphi imfuyo kwipropati de uGqirha weMfuyo kaRhulumente aqinisekise ukuba imfuyo ayinayo i-FMD.
- ★ Kwimeko yokuqhambuka kwaso, amanyathelo olawulo awohlukeneyo anokubhengezwa nguMlawuli weMpilo yeMfuyo kwaye oku ngesiqhelo kuquka, kodwa kungamiselwanga mda koku: ukuvalelwa, ulawulo lokuhanjiswa kwemfuyo kunye nemveliso yemfuyo kunye nogonyo.
- ★ Abanini banoxanduva lwempilo yemfuyo yabo kwaye banokutshutshiswa phantsi komThetho weZifo zeMfuyo, 1984 (umThetho wama-35 ka-1984) kunye nomThetho woKhuselo lwabaXhasi, 2008 (umThetho wam-68 ka-2008) ukuba bandisa ukusasazeka kwe-FMD.

Sifuna WENA ukuba uncede ukulwa i-FMD

Khululeka ukuqhagamshelana nogqirha wakho wemfuyo karhulumente/wabucala/igcisa lempilo yemfuyo elikufutshane ngolwazi oluthe vetshe

Ngemibuzo yobuchwepheshe qhagamshelana: ICandelwana: IMpilo yeMfuyo	Ngolwazi kunye nokukhuthaza qhagamshelana: ICandelwana: IMigangatho yokuNgeniswa kunye nokuKhutshelwa ngaPhandle kokuTya
--	---

IMpilo yeMfuyo

Umnxeba: +27 12 319 7456

Ifeksi: +27 12 329 7218

I-imeyile: Epidemiology@dalrrd.gov.zaIwebhusayithi: www.dalrrd.gov.za**ICandelo lokuKhuthazwa kweMpilo yeMfuyo**

Umnxeba: +27 12 319 6004/6117/6444

I-imeyile: info.sps@dalrrd.gov.zaIwebhusayithi: www.dalrrd.gov.za